

# UFudo neqokobhe lakhe




Ithatyathwe kwintsomi ethandwa kakhulu

Imizobo: Helga Hoveka



UFudo wayekhathazekile.  
Wayengakwazi ukubaleka  
ngamandla.



UFudo wakhulula iqokobhe  
lakhe. Wayevuya ngoku  
kuba wayekwazi ukubaleka  
ngamandla.



Inja yafuna ukubamba  
uFudo.

UFudo wabaleka.



Intaka enkulu yafuna  
ukubamba uFudo.  
UFudo wabaleka.



Imvula yanetha.

UFudo wabamanzi kwaye  
wagodola.

Wayengcangcazela.



UFudo waphinda walinxiba  
iqokobhe lakhe.  
“Ndiyavuya ukuba ndim!”  
watsho.



# Isiphele

